



Bathinjiwe!


Richard Khadambi and Collins
Kipkirui
isiXhosa

Mna nomhlobo wam uKiki siyakuthanda
ukudlala sikhangelia iindawo ezintsha,
kwaye siyazi kakuhle ingingqi yethu.
Endleleni ebuya esikolweni sincokole
ngeendawo ezintsha esinokuzikhangelia
ngolo suku.



Sagqiba kwelokuba sicande ithafa elikhulu kufutshane nomgaqo kaloliwe, nangona utata kaKiki wasilumkisa ukuba singahambi apho.

Emva kwethutyana saqaphela indoda ende enxibe idyasi ende emnyama ithe chu emva kwethu.




Sacotha ukuze sijonge le ndoda. Ulusu lwayo lwalugcwele amaqhakuva. Imilebe yakhe yayibhityile igqume loo mazinyo wakhe amdaka. Wayenenxeba elinzulu linqumleze ubuso.
Le ndoda yayisilandela!



Sema sajongana nalendoda singayaziyo.
Amazinyo wam ayeqhaqhazela luloyiko
ndicinga ukuba iyaweva. Ndayijonga
ntsho ndiqwalasela intsobi yayo kunye
neempahla zayo.

Yayingayithandi le ndlela ndiyiqwalasеле
ngayo. Yakhwaza yathi, "Kwedini
undijonga ntoni?"




Ngaloo mzuzu sajika sabaleka.
Ndandingenamendu ngokwaneleyo.
Yandibamba ngesixhanti yanditsala
ngengalo enye.
Yayindiqinise ndacinga ukuba iimbambo
zam zizakophuka. Umhlobo wam uKiKi
waqhwesha.




Le ndoda inde yandiphakamisa
okwephewa elishwabeneyo. Yandijula
ngemva kwiveni eyayimiswe kwelo thafa.
Emva koko yakhwela ngaphambili
kwiveni leyo.

Enye indoda eyayingaphakathi kule veni
yandigquma amehlo yandibophelela
izandla emqolo. uMqhubi wayitsala
ngesantya esiphezulu okweso senqwelo
yezigulane.



Le ndoda ingemva kune nam yandibeka ilaphu elimanzi ebusweni. Lalinuka into enevumba ngathi yilekese eyandenza ndozela. Ndafunyanwa bubuthongo. Ndothuka sele ndihleli kwigumbi elimnyama elineentambo zezigcawu neempuku. Amehlo wam ayesele engaggunywanga.



Kwavuleka umnyango weli gumbi
limnyama usenza ingxolo. Kwangena
indoda ephethe isitya. Kwakuyilaal ndoda
yayindibophelela izandla.

“Naku ukutya kwakho. Kungcono utsye
kuba uzakuthabatha uhambo olude,”
yashwantshwatha yatsho le ndoda.
Yayisika intambo ebophelele izandla zam
ngemela ebukhali eyayiyikhupha
esinqeni.



Ndathi ndakuva igama elithi 'uhambo' ndaqonda ukuba manditye ukwenzela ndibe namandla okuzihlangula.
Njengoko ndisitya le ndoda yayihleli phantsi itshaya. Umsi wawugcwali se lonke elo gumbi. Kwathi phambi kokuba ndigqibe ukutya kwankqonkqozwa emnyango.



Kwangena amanye amadoda amabini
erhuqa inkwenkwana. YayinguKiki!
Kwathi kanti bambambile naye.
Savaleleka sobabini kwelo gumbi
limnyama.



Ndayiqonda into yokuba le ndoda inde imbi yinkokheli yeli qela. Yayanika imiyalelo kwamanye amadoda amabini. Kodwa le ndoda yayindiphathele ukuya yayikhangeleka ingakuthandi oko babekwenza.

Emva kwethutyana sabeva bexambulisana ngaphandle kweli gumbi. Inkokheli yayikhwaza isithi, "Andikhathali nokuba uyalwazi usapho lwakhe. Awunakubuya ngamva ngoku."



Le ngxabano yasenza siqonde ukuba
omnye wabo uyasazi. Ndandizibuza
ukuba ingaba ngubani na. Wathi uKiki,
"Kufuneka sifumane indlela
yokuqhewsha. Abazali bethu abanayo
imali yentlawulo."

Ndamkhulula umhlobo wam kwaye
ithamsanqa lalingakwicala lethu. La
madoda aqhube ka exambulisana ade
alwa. Saluvula ngononophelo ucango
sakhangela indlela yokuqhewsha.



Sabona ukukhanya phakathi
kwimisantsa ephakathi kweenkuni
ezazibethelelwe eludongeni. Satsala
ukhuni zade zakhululeka izikhonkwane
ekwakubethelelwe ngazo.
Satsala olunye ukhuni, nolunye, kwaya
kusanda ukukhanya. Kwakukho ifestile
eyaphukileyo ngentla kwezo nkuni!



Senza isiggibo ngokukhawuleza. UKiki wayenamendu kunam kwaye enomzinjana omncinane.

Kwakuzakubaleka yena ayokufuna uncedo. Sagquma loo glasi yophukileyo ngeebhatyi zethu zesikolo ndamncedisa ukuba enyuke.

UKiki wanyubuluza waphuma ngefestile. Yayingekho phezulu kakhulu ukusuka emhlaben. Ndamva esithi gxada emhlabeni ngeenyawo zakhe wabe sele ephefumlela phezulu. Wemka.



Ngelo xesha la madoda ayele eyivile
loo ngxolo sasiyenza. Akhaba ucango.
Ambronzeleka angena ngaphakathi aze
ema umzuzwana ejonge kule festile.
Abaleka aphumela ngaphandle egilana,
engaquinisekanga ukuba abheke kweliphi
icala. La madoda ayevutha ngumsindo,
ingakumbi le nkokheli imbi. Yandibetha
ikhwaza, "Abazali bakho
bazakuyihlawulela le nto!"



La madoda aphinda azibethelela ezi zikhuni evala le festile aze anditshixela kwelo gumbi. Kodwa babengekavumelani ngento amabayenze – ndandibeva bexambulisana. Le ndoda yayitshaya kakhulu yayifuna ukundikhulula ndihambe. Umqhubi wayenexhala lokuba umhlobo wam uzakufumana indlela eya ekhaya abuye sele ehamba namapolisa. Le nkokheli imbi yayifuna imali yentlawulo.



Kwaba ngathi kudala phambi kokuba ndive kunkqonkqozwa ngaphandle kule festile. Kwavakala ilizwi lomntu omdala lisithi, "Ungoyiki. Amapolisa akhona. Lala phantsi emhlabeni, gquma intloko yakho, uze ungashukumi."



Andiqinisekanga ukuba kwenzeka ntoni emva koko. Kwenzeka yonke into! La madoda aqutyulwa kukungena kwamapolisa kwelo gumbi ayeleli kulo. Kwabakho ingxolo enkulu kukhwazwa kukho nezithonga zemipu.



Ipolisakazi lavula umnyango weli gumbi ndivalelwwe kulo. Landiphakamisa landombathisa ngengubo.

Wandixeleta wathi, "Umhlobo wakho ubenethamsanqa kakhulu. Ufumene uhola wendlela ekufuphi. Besisenza imijikelo yethu sambona ebaleka engena endleleni. Emva kokuba sive okwenzekileyo sabiza amanye amapolisa ukuze asincendise sifundise le migulukudu isifundo!"



La madoda mathathu abanjwa,
akhonkxwa, ajulwa ngemva kwinqwelo
yamapolisa. Ndakhwela kwesinye
isithuthi kunye neli polisakazi. Landisa
ekhaya kubazali bam ababexhalabile.
Ukususela loo mini mna noKiki saba
nononophelo xa sihamba sikhangela
iindawo ezintsha.




Bathinjiwe!

Writer: Richard Khadambi and Collins Kipkirui

Illustration: Abraham Muzee

Translated By: Kholeka Mabeta

Language: isiXhosa



© African Storybook Initiative, 2015



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY 4.0) Version 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org

A Saide Initiative